

INTSHAYELELO

Oluphononongo luyingxalenye lophando olukhulu olunesihloko esithi Community Voices in Health Governance-Translating Public Participation into Practice in a World of Pluralistic Health Systems (COMPLUS).

Senze uphando namalungu eekomiti zeeklinikhi zaseNelson Mandela Bay, ukuqala ngoJuni ukuyotsho ngoOktobha ka2024. Ayizizo zonke iiklinikhi ezinekomiti ezisebenzayo. Sithethe namalungu ayi147 ezikomiti kwiingxoxo zefocus group. Amalungu ayi145 agqibe uphando (apho i100 ibingamabhinqa, i45 ingamadoda).



NGOOBANI AMALUNGU WEEKOMITI ZEEKLINIKHI?



Abantu abamele amaqela oluntu ohlukeneyo, umzekelo, abamele amaziko okholo, amaqela abafazi, abantu abaphila nokukhubazeka, kunye neeNGO's, njl

Uninzi ngabantu basetyini abakhulileyo abazibophelele kakhulu ekuncedeni uluntu lwabo



Sifumanise ukuba inani lolutsha kwiikomiti zeeklinikhi lumbalwa



Amalungu anikela ngexesha lawo ukuze axhase iiklinikhi kunye nemiba yezempilo yasekuhlaleni. (bafumana isibonelelo seR500 ngekota ukukhawulelana nezinye zeendleko zabo)

YINTONI ESIYIFUMENE EYENZIWA ZEZIKOMITI?

Bayibulorho phakathi kweklinikhi noluntu

Bazisa abasebenzi ngemiceli mngeni yoluntu

Babelana ngolwazi lwezempilo kwaye bancedisa kwizikhalazo



Bayangenelela xa kukho ingxaki eklinikhi

Amanye amalungu ayanceda ngokulawula amagumbi okulinda kwiiklinikhi zabo kwaye baphinde bancede ekucoeni iiklinikhi kodwa ezizenzo aziqukwanga kwiindima zabo ezikwisikhokhelo



**NDIYATHANDA
UKUSEBENZISANA NOLUNTU
KUNYE NABANTU NGOKUBANZI
EQUQINISEKISENI
INTLALONTLE YABANTU BETHU**



IZIPHUMO EZIVELA KWIDATHA

IMICELI-MNGENI EPHAMBILI




Ukungafikeleli kwabaphathi kwiDoH ukuze kusombululeke iingxaki




Ukulibaziseka ekubhatalweni kwesibonelelo: amalungu amaninzi anenyanga /iminyaka engahlawulwa



uLwaphulo-mthetho kwaye nokhuseleko lweklinikhi yimiceli-mngeni ehamba phambili kwiiklinikhi ezininzi




Iziseko ezingundoqo zeklinikhi-iiklinikhi zincinci kakhulu kwaye nabasebenzi sobe bembalwa




Ukunqo-ngophala koqeqesho ngeNHI

UBUDLELWANE KUNYE NAMANDLA



Uninzi lweekomiti zinobudlwelwane obuhle nabaphathi beziko



Ezinye iikomiti azibachazi abaphathi beziko abajongela phantsi



Okanye amalungu awaziswa kwabasebsnzi kwaye okukungabangela uxinzelelo




Amalungu ekomiti ajongwa ngokungafanelekanga, 'njengamapolisa' ngabasebenzi beeklinikhi

YINTONI EYAZIWA ZIIKOMITI MALUNGA NHE-NHI?



u11% wamalungu aziva enolwazi malunga neNHI



Ukungaqondi kakuhle malunga nendlela iNHI ezakusebenza ngayo



Ukuthandabuza kuyaqhibeka ngenxa yorhwapulizo, ukuxinana, ukungqongophala kwabasebenzi kunye namayeza ambalwa



iiKomiti zifuna ukufundisa uluntu ngeNHI kodwa zicela uqeqesho olufanelekileyo lokwenza njalo

IZIPHUMO EZIVELA KWIDATHA

AMANDLA EEKOMITI



Amalungu ekomiti yeklinikhi abonisa ukuzibophelela okukhulu kwintalontle yoluntu nakwiiklinikhi zabo zasekuhlaleni



Bayaziqhelanisa neengxaki kwaye bathenjiwe luluntu lwabo



uBambiswano oluphumeleleyo oluye lwaphucula iziseko zophuhliso lweklinikhi

YINTONI EKUFUNEKA ITSHINTSHWE?



Ukulungiswa kwenkxaso yeziseko: Kuqalwe kwakhona ukwahlulwa kwenkqubo iintlanganiso zesithili kwiingqungquthela, nengqungquthela ezisezantsi



Ukuphucula yentlawulo ukuze ihlawulwe ngexesha kwaye ithenjwe




Ukubonelela ngoqeqesho: ngeendima, ulawulo kunye neNHI



Ukuphucula ukumelwa: Ukuqesha ngenkuthalo nokumema ulutsha namadoda ukuze ajoyine iikomiti

KUTHENI OKU KUBALULEKILE?



iiKomiti zeklinikhi ngamaqabane abalulekileyo ekudaleni iinkonzo zempilo ezomeleleyo, ezikhuselekileyo neziphendulayo ngakumbi



Ukuxhasa umsebenzi wabo komeleza ilizwi loluntu kunye nokulungiselela uMzantsi Afrika kwiNHI

“SINGABAXHASI
BESEBE
LEZEMPILO”



FUNDED BY
NIHR | National Institute for Health and Care Research

 **UK International Development**
Partnership | Progress | Prosperity

This research was funded by the NIHR (NIHR150146) using UK international development funding from the UK Government to support global health research.

The views expressed in this publication are those of the author(s) and not necessarily those of the NIHR or the UK government.

IINGCEBISO

UCACISO LWEENDIMA ZOLAWULO

- Ukubuyiswa kwendima yokubeka iliso kwizikhokhelo

UKUQINISWA KWEKXASO ESISISEKO

- Ukweziwa lula kwenkqubo ye-stipend
- Ukunyanzisa iiforamu zezithili nezithili ezisezantsi ezinengxelo kunye namanyathelo okuphendula
- Ukuxhasa ungenelelo loqeqesho ukuze babenolwazi olongezekileyo ngoLawulo lweMpuma Koloni noMthetho weNHI

SIJONGE IINDLELA ZOKUJONGANA NOKUNGALINGANI KWAMANDLA

- Ingangumsebenzi onzima lona kodwa kubalulekile ukuqwalisela kwaye nokujongana ukungalingani kwamandla

“ **KUNZIMA KAKHULU UKUBANDANYEKA XA
SITHETHISANA, IBANGAGTHI ASAZI NTO.
SIDINGA UQEQUESHO NGE-NHI** ”

IINGCEBISO

UKUPHUCULA UKUBANDANYEKA KWI-NHI

- Ukuqhuba iindibano zocweyo zokufunda iikomiti nokuzixhobisa ukuba zibeke iliso kwaye zibenegalelo kuphuhliso lweNHI.
- Ukusebenzisana ekudalweni kwezicwangciso sokwabelana ngolwazi phakathi kweeforamu neekomiti zeklinikhi ngeNHI.

UKUPHUCULWA BOBUMELI

- Ukwandiswa kothatho-nxaxheba yolutsha kunye namadoda kwiikomiti zeklinikhi.
- Ukwandisa uthatho-nxaxheba ngokubandakanywa kwabanye abachaphazelekayo kuluntu.
- Ukusebenzisana ngokusesikweni nooNompilo.

